

Ityala—Isigqibo Semihla Ngemihla



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

Nd. 37:21, Mat. 4:3–10, Mat. 6:33, Dut. 28:12, IMiz. 13:11, IMiz. 21:5, 2 Kor. 4:18.

Indima Yenkumbulo:

“Ngoko bonke banikeni okubafaneleyo; mnikeni irhafu ofanelwe yirhafu, unikelo ofanelwe lunikelo, ukoyika ofanelwe kukoyikwa, imbeko ofanelwe yimbeko. Musani ukuba natyala lanto mntwini, lingelilo elokuthandana; kuba omthandayo omnye uzalise umthetho” (Roma 13:7, 8).

NSgamanye amaxesha unganalo ithamsanqa lokufumana umntu onokukuboleka imali. Mhlawumbi loo mntu ukwenza oko ngomoya omhle—ukuthi, ufuna ukukunceda ukuba uphume kwinkinge yemali. Kumaxesha amaninzi, kodwa, abantu abakuboleki imali kuphuma ekulungeni kwentliziyo yabo. Bakuboleka kuba bafuna ukuzuza kakhulu (kwimali yakho) xa uyibuyisa. Kufuneka senze konke esinako ukuphepha ityala. Phofu ke, kwiimeko ezithile, njengokuthenga indlu okanye imoto, ukwakha inkonzo, okanye ukufumana imfundo, siyakudinga ukuyiboleka imali. Noko, kufuneka kwenziwe ngobulumko kangangoko, ngenjongo yokuphuma etyaleni ngokukhawuleza kwakamsinyane kangangoko.

Kanti ke kufuneka silumke. Ukuchitha imali esingenayo kulisango labantu bakaThixo ukuba “benze ukunqwena nokuthanda ubutyebi behlabathi kube ziimpawu ezilawula isimilo sabo. Zisalawula ezi mpawu, usindiso nobabalo lubuya umva.”—Ellen G. White, *Early Writings*, p. 267. Kufuneka siphuhlise ubuchule nezakhono zethu ukuze sikwazi ukuhlala silawuleka size senze konke esinako ukuphepha ityala. Kule veki siza kukhangela ukuba ithini iBhayibhile ngetyala.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaMatshi 17.*

Ukuboleka Nokuchitha

Abaprofeti kunye noElisha babegawula imithi ngakumlambo iYordan, omnye wabaprofeti esagawula “intsimbi yeyela emanzini; wakhala, wathi, Yoo, nkosi yam! Ibolekiwe” (2 Kings 6:5). Isenzi “ukuboleka” lithetha ukusebenzisa into eyeyomnye umntu. Le mvume iqulathe ukujongana nengozi nokuthwala uxanduva. Imali ebolekiweyo ayahlukanga kwizembe elibolekiweyo, ngaphandle kokuba yona inganeziphumo ezibi kakhulu xa ingasetyenziswanga kakuhle. Isizathu ekuphela kwaso esenza siboleke imali kukuyisebenzisa. Ingozi yemali esiyithabathayo ikubuganga bokucinga ukuba sinesakhono sokuyibuyisa nokuba akuyi kubuya kubekho izinto ezisisiphoxayo ezifuna imali kwixesha elizayo. Kanti ke ingomso alaziwa sithi (Intsh. 8:7); kungoko, ukuboleka imali kusoloko kuqulathe ukujongana nengozi.

Ezi ndima zilandelayo zithini kuthi ngetyala?

Nd. 37:21

Intsh. 5:5

Dut. 28:44, 45

Singayiboleka imali sinengcinga ethi siza kuyisebenzisa ngobulumko, kodwa isihendo sokusebenzisa oko sinako, nokuba yimali ebolekiweyo, sinako ukusikhokelela kwezona ngxaki zinkulu. Ngokwenene, ukuchitha imali ebolekiweyo kuvumela abaninzi ukuba baphile ngeendlela abangenako ukuzithwala. Isilingo sokuboleka nokuchitha kukubetha kwentliziyo kwenkcubeko yomthengi okuchukumisa abazityebi nabangamahlwempu. Xa silingwa, kufuneka sifune umsindleko kaThixo (1 Kor. 10:13), kuba ukuboleka kungasisiqalekiso (Dut. 28:43–45). Musa ukuqala umkhwa ombi wokuboleka imali. Ukuba souqalile, yihlawule ngokukhawuleza. Kufuneka sifunde ukuyichitha imali ngobulumko sibe ziinkosi zemali kaThixo, singaphathwa yinkosi eyimali yehlabathi. Kwakhona, zikhona iimeko ekuthi kuzo kunyanzeleke ukuba siboleke. Sekunjalo, oko kufuneka kwenziwe ngononophelo nangenjongo yokubuyisa konke ngokukhawuleza kangangoko sinako.

Zeziphi iingozi zasemoyeni ajongene nazo umntu ozifumana eqamangeleke etyaleni?

Ubugosa Nokwaneliseka Okukhawulezileyo

“UYakobi wamnika uEsawu isonka neentlumayo eziphekiweyo; wadla, wasela, wesuka wemka. Wabudela ke uEsawu ubuzibulo bakhe” (Gen. 25:34). UEsawu wayeyindoda nje erhabaxa ezisebenzela phandle eyayilandela iimvakalelo zayo. Yathi yakuva ivumba elimnandi lokutya komntakwabo, wazifuna ngoko iintlumayo, nangona kwakungekho nto yayisithi uyafa yindlala. Elawulwa zizimvo nemvakalelo zakhe, wavumela ukucinezeleka komzuzu ukuba kuyoyise ingcinga, wathengisa ngobuzibulo ukuze aneliseke kwangoko. Wafuna kubuyele kuye ubuzibulo bakhe, wathi “noko wayingxamelayo ngeenyembezi” (Heb. 12:17), akabufumana. Kwelinye icala, sinomzekelo kaYesu. Emva kweentsuku ezima-40 zokuzila nokusondela ekufeni yindlala, uYesu wahendwa nguSathana kathathu (Mat. 4:3–10). Yena uYesu wazibona izihendo kakuhle ukuba zizo, wathi, naxa ekwimeko yokuphelelwa ngamandla, akaziyekela ekuzaneliseni. UYesu wabuphila bonke ubomi baKhe ezilandula iziyolo zesono nokuzanelisa, waza wathi ngokwenza oko wabonisa ukuba nathi sinako ukuba namandla phezu kwesono. Akazange athengise okanye abulahle ubuzibulo baKhe, kwaye uyasimema sonke ukuba sabelane ngokuba zindlamafa kunye naYe (Roma 8:17, Tito 3:7). Sibugcina ubuzibulo bethu ngokulandela umzekelo awawunikayo akuhendwa (1 Kor. 10:13). Okona kuhle eli hlabathi elinokukunika kukuxhamla [ubummandi] balapha nobeli xesha kuba alinako ukunika ukuxhamla okwexesha elizayo. Ukuziphilela kuchasene nokuphilela uThixo.

Zifundisa ntoni ezi ndima zilandelayo ngokuba sethubeni leengozi zokuzanelisa okukhawulezileyo, nakubantu abathembekileyo? 2 Sam. 11:2–4, Gen. 3:6, Phil. 3:19, 1 Yohane 2:16, Rom. 8:8.

Ukulangazelela ukuzanelisa okukhawulezileyo kuluphawu lwengqondo engalawulekanga; kulutshaba lomonde olujongela phantsi imigomo yexesha elide, luhlekise lulimaze ukuba nokunika ingxelo okanye ukuziphendulela. Ukulibazisa ukuzanelisa kungumthetho-siseko ofundwayo; bubuchule bobomi obunceda ekulawuleni iimeko nocinezelo, ngakumbi izihendo ezinikwa lihlabathi, njengokuboleka imali okungalumkileyo. Le nginga, phofu, ayiqhelekanga kwihlabathi elakhiwe ngokuziyekela kumvuzo okhawulezileyo, ukulungisa ngoku, namacebo okutyeba ngoku. Ngako nje ukuba sixhamle ukuzanelisa ngokukhawuleza, sisethubeni lokukhetha umvuzo wexesha elifutshane kwakhona, siqhubeke siphindaphinda. . . . Amagosa ezipho uThixo asiphe zona kufuneka angangeni kulo mgibe.

Ukuphila Ngokwenzuzo Esinayo

“Ubuncwane obunqwenekayo neoli zisekhayeni lesilumko; ke umntu osisinyabi uyaziginya azigqibe” (IMizek. 21:20). Le ndima ithlekisa umthwalo wezemali nokulawula ngokuthsafaza. Abantu abanobudenge abenzi macebo ukuba baphile ngokwenzuzo yabo. Babuyichitha indyebo ephambi kwabo ngokubawa, benengqondo ethi, ubulumko ngemali okanye ukuphila ngokuqoqosha kukutsala nzima, njengokutya okungafunwayo. Kanti ke, naxa kudingeka ukuba siboleke imali, njengokuthenga indlu, kufuneka oko sikwenze siqaphelisisile saqonda ukuba siyakudinga ukuba siphile ngokwengeniso yethu.

Abazizityebi banako ukuphila ngokwenzuzo yabo ephuma kwindyebo yabo. Ingxaki yabo yeyokuba basoloko bekhathazekile ngobutyebi babo nendlela yokubugcina. Xa abantu benokuncinane kakhulu, bephila ngemali abayamkela inyanga nenyanga, bakhathazwa kukuxhasa ubomi, ingeyiyo indyebo. Nalapho, iBhayibhile inika icebiso lokuphila ngokwenzuzo yethu, nokuba ingakanani esinayo. UPawulos ucebisa into esinokuyithabatha njengendlela elula ngaphaya kokucinga: “Sinento ke edliwayo neyambathwayo [zisenokuquka indlu], masanele zezo zinto” (1 Tim. 6:8). UPawulos akakubaleli ukuba nezinto zehlabathi ukuba kubaluleke kakhulu kuba kuye, ukuphilela uKristu kwanele (Filipu 1:21).

Ngumthetho-siseko othini omelwe ukukhunjulwa ngaphambi kwayo nayiphi enye into? Mat. 6:33. Singaqiniseka njani ukuba le yindlela esimele ukubuphila ngayo ubomi bethu?

Akufuneki sicinge ngenzuzo yethu njengengeniso kodwa njengesixhobo esinaso esinomthwalo wokusilawula. Isicwangciso yindlela esifanele ukuyisebenzisa ukuwufeza lo msebenzi. Ukuceba ucwangciso bubuchule obufundwayo obudinga ukufundisiswa ngengqondo. Ukwenza nokuzama okuqeqeshekileyo kuyadingeka ukuze kubekho impumelelo ekulawulweni okuzinzileyo kwecebo lemali (IMiz. 14:15). Ukuba sithabatha isigqibo sokuba siphumelele kwiyebo lobugosa bethu kwezemali, siya kuba nako ukuziphepha iimpazamo zemali ezihlazisayo. Ukuba unengxaki yokulawula imali, yenza uhlahlo olucwangcisiweyo. Aludingi ukuba lubenzima, luntsokotho. Lunokuba lula ngokusuka uhlanganise yonke inkcitho yakho yeenyanga ezimbalwa uze wenze umyinge wenkcitho yenyanga. Isitshixo ke kukuphila ngokwenzuzo yakho, nokuba kunjani, nokwenza konke onako ukuba uliphephe ityala.

Funda: Luka 14:27–30. UYesu ubonisa apha ixabiso lokuba ngumfundi ngokunika umzekelo womakhi oqikelela ixabiso lokwakha inqaba nokwenzekayo xa engakwazi ukuyigqiba. Sifundo sini sobugosa esisifumanayo apha?

Ukuthi Hayi Etyaleni

Funda: Duteronomi 28:12. Kusifundisa ntoni oku ngokungena nzulu etyaleni? Nguwuphi umthetho-siseko esiwubona usebenza apha?

Yinto nje elula ukuphepha ityala kangangoko sinako. IsiBhalo asisikhuthazi ukuba senze intsayino nabanye abantu kumatyala abo (IMiz. 17:18, 22:26). Ityala linyusa inkxaso yexesha elizayo lize lisinyanzele ukuba samkele imfuno yalo sikumangatho wobuthakathaka ngokwasemalini. [Ityala] liliyeza elintubululu umKristu akufumana kunzima ukungalamkeli nokulilawula. Ityala lisenokungabi libi, kodwa alibuqinisi ubomi basemoyeni. “Kufuneka kubekho ubungqongo [ubugqolo] ngakwindyebo kungenjalo kungenzeka ityala elinzima. Zigcine phakathi kwemida. Kuphephe ukuzenzela ityala njengokuba ubuya kwenza njalo ukuphepha iqhenqa.”—Ellen G. White, *Counsels on Stewardship*, p. 272. Ityala liyakwazi ukuba yimbophelelo yemali esenza sibe “ngumkhonzi endodeni e[s]i[bolekayo]” (IMiz. 22:7). Kuba ityala liphinyelene ngengubo yendyebo yelizwe lethu, silithabatha ngokungathi liyinto efanele ukubakho. Ngapha koko, izizwe zonke ziphela zimi ngetyala; kungani ke ngoko ukuba abantu bangenzi ngolo hlobo? Le yingqondo ekungalunganga ukuba nayo.

“Yenza umnqophiso onendili noThixo wokuba, ngentsikelelo yaKhe, uya kuhlawula amatyala wakho, uze ungabi natyala lanto mntwini nokuba uphila ngesidudu nesonka. Kulula kakhulu ukulungisa ukutya kwakho uthi chatha ngesimnandisi nokuba sesemalana encinane. Ukugcina iisenti kuhle, zona iirandi ziya kuzibonela. Zimalana ezincinane ezichithwa apha naphaya ezithi ekugqibeleni zibe ziimfumba zeerandi. Zilandule ngakumbi xa usaxinwe ngamatyala. . . . Musa ukuphazama, ungatyhafiswa, okanye ubuye umva. Kulawule ukuthanda izimuncumuncu, musa ukukuvumela ukuziyekela ekufuneni ukutya, zonge iisenti zakho, uhlawule amatyala wakho. Sebenzela ukuba aphele ngokukhwuleza kangangoko. Ukuba ungema ukhululekile kwakhona, ungenatyala mntwini, uya kuzuza uloyiso olukhulu.”—Ellen G. White, *Counsels on Stewardship*, p. 257. Ityala lisisiseko esibuthakathaka anokuma kuso umKristu. Lingenza ingozi enkulu kumava ethu asemoyeni libe negalelo elingelihle kwisakhono sethu sokuxhasa umsebenzi kaThixo ngemali. Lisihlutha ukukwazi ukupha abanye ngesibindi, likwalisela lamathuba entsikelelo kaThixo.

Kokuphi okunye ukukhetha onokukwenza ngoku okunokukunceda ukuphepha ityala elingadingekiyo? Yintoni onokuyidinga ukuzilandula ukuze uhlale ungenatyala?

Ukongga Nokugcinela Inzala

Imbovane zisebenzela ukonga umbeko wasebusika (IMiz. 6:6–8). Besingaba silumkile xa sinokuqaphela iindlela zazo xa sisonga imali ngommiselo xa sinenjongo ekhethekileyo. Into yokonga kukuba nezinto ezihleli zikho ukulungiselela iinkcitho zokuphila okanye iimfuno xa kuthelekiswa nokuchitha okanye ukufumba oko sikuzuzayo. Ukulawula imali kufuna ubulumko, ukuhlela ucwangciso, nokuzilawula. Ukuba konke esikwenzayo kukuzongela nje thina, sicuntsula kwizinto zikaThixo endaweni yokuba ngamagosa kuzo. “Imali esetyenziswe ngokunganyanzelekanga inelahleko embaxa. Ayaneli kukungabikho, kodwa ilahleke ngamandla okuzuzisa ingeniso. Ukuba besiyibeke ecaleni, ibiya kwanda emhlabeni ngokugcinwa okanye ezulwini ngokupha. . . . Ukugcina kususifundo esiphuhlisa igunya emalini. Endaweni yokuyiyeka imali ukuba isise apho sithanda khona, siyayilawula.”—Randy C. Alcorn, *Money, Possessions and Eternity* (Carol Stream: Illinois, Tyndale House Publishers, 2003), p. 328.

Funda: IMizekeliso 13:11; 21:5; ne-13:18. Athini amazwi apha kuthi anokusinceda ukuba siyiphathe ngcono imicimbi yemali?

Amagosa ongela izidingo zosapho aze agcinele inzala ezulwini xa elawula izinto zikaThixo. Akuyi ngokuba kungakanani esinako, kodwa ngokuba nendlela ebekwe yiBhayibhile yolawulo emayisebenze, nokuba ithini imeko yakho yezemali. Ukugcinela izidingo zosapho kufuneka kwenziwe ngobulumko. Ukucutha neyiphi ilahleko, yithi sa ingozi [yokuswela] (Ints. 11:1, 2). Ukusebenza ukucutha okunjalo ngaphambi kweemfuno zakho (IMiz. 24:27) uze emva koko ufune uncedo olufanelekileyo kwabanye (IMiz. 15:22) oko kuzizixhobo ezibini ezinempumelelo kulo mboniso. Xa izidingo zisaneliswa nendyebo ikhula, kufuneka sikhumbule “[nguYehova] okunika amandla okuzuzisa ubutyebi” (Dut. 8:18).

Owona mboniso wokugcinela ingeniso ngokukhuselekileyo kwigosa likaThixo kukugcina “ebukumkanani bamazulu” (Mat. 13:44). Apho akukho kuhla koshishino nemveliso, akukho mathuba engozi, okanye ukuhlela kwezinga lokuthenga. Kufana nokuthi ingxowa yemali ayisayi kuze iguge (Luka 12:33). Ukwamkela uKristu kuvula iakhawunti, kuze ukubuyisa isishumi nokuzisa iminikelo kube kukufaka imali. Ukuthi, nokuba sidinga kangakanani ukukhathalela izinto zomhlaba nezasemhlabeni apha, njengokuhlawula amatyala, kufuneka sisoloko sikhumbula ukuwamilisela emehlo ethu kwiinyaniso ezingunaphakade.

Funda: 2 Korinte 4:18. Singayigcina njani le nyaniso ukuba ngalo lonke ixesha ihlale iphambi kwethu lo gama ngaxesha nye siphila njengamagosa anenkathalo apha?

Ingcamango Eyongeziweyo: Sonke isakhono sendalo, ubuchule, okanye isipho, zizinto ezivela kuThixo, nokuba sasizelwe nazo ngokwemfuzo, okanye siphenjelelwe safundiswa kokusingqongileyo, okanye kokubini. Indawo ebalulekileyo kulo mlinganiso yinto esiyenzayo ngezakhono nobuchule esinabo. UThixo ulindele ukuba amagosa afunde ukuba ngabalawuli bezakhono nobuchule babo ngemfundo nokusebenza (Ints. 10:10). UBetsaleli wazaliswa “nguMoya kaThixo, ngobulumko bentliziyo, ukuba benze umsebenzi wonke” (Eks. 35:31, NKJV). Yena noAholiyabhi (Eks. 35:34) bakwazi ukufundisa abanye ubuchule babo. Sinako ukufunda ukuba sibe ngamagosa angcono ngokukodwa ukususa ityala nangona siphila kwilizwe elithanda izinto. Kufuneka sisoloko siphuhlisa ubuchule bethu ngokufunda [amaphepha neencwadi, njl.], ngokuhlala phambi kwabafundisayo [iiseminari], ezikolweni [kwiiTeknikon njl.] (xa sinako), sithi, ekugqibeleni, sikwenze oko sikufundileyo. Ukukhulisa ubuchule kwenza ukuba sinikele okona kuhle kuThixo nokuba sibe ngamagosa alungileyo. Umzekelo weetalente ubonisa ukuba umkhonzi ngamnye wazifumana iitalente “ngokwawakhe amandla” (Mat. 25:15). Abakhonzi ababini bawaphindaphinda awabo amaxabiso. Owesithathu wawufihla emhlabeni owakhe. Kufuneka sisoloko sizama ukuphuhlisa oko sinako, kona ukuyingcwaba emhlabeni italente akubonisanga sakhono okanye ubuchule. Ukulawula imali, ukuphuma etyaleni, ukukhuthaza ukulawuleka, nokuba namava aphahekayo kukhulisa izakhono ezisikelelwe nguThixo. Ukuphumelela nokulunga kwinto ethile, kufuneka siyiphinda phinde. “Zithi izifundo zeBhayibhile zakubethelelwa ebomini bemihla ngemihla, zibe nempembelelo enzulu nehleliyo esimilweni. Ezi zifundo, wazifunda waziphila uTimoti. Wayengenazo iziphiwo ezikhethekileyo zokuhlakanipha, kodwa umsebenzi wakhe waxabiseka kuba wasebenzisa izakhono azinikwe nguThixo emsebenzini weNkosi.”—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile*, iph. 205.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. **Nangona ukuzilawula kusoloko kubalulekile kumKristu, kubaluleke ngokukodwa ukukuswela kukhokelela kubunzima bemali okanye kwintshabalalo. Singenza ntoni thina njengebandla ukunceda abo banokuba kule ngozi yale ngxaki?**
2. **Funda: Roma 13:7, 8. Singawasebenzisa njani la mazwi ebomini bethu bemihla ngemihla nakuko konke ukuhlangana kwethu nabanye abantu?**
3. **Abanye baxoxa bathi, musa ukukhathazeka ngetyala, uYesu uyabuya kwakamsinyane. Ungaphendula uthini kule ngcamango?**